



Share books and stories!

Reading helps to open your children's eyes, hearts and minds to other people and to different situations. And, when they enjoy the stories you share with them, they are likely to want to continue reading for pleasure throughout their lives.

Share books and stories with your children to help build a strong and loving bond with them while also helping to develop the literacy skills that are so important for their success at school and beyond.

Here are ten tips for reading to your children, no matter what their age.

1. Invite – but don't force – your children to read with you for at least 15 minutes every day.
2. Find somewhere quiet and comfortable to read. Beds and couches make good indoor reading places. Turn off the radio, TV and computer.
3. Ask your children to choose a book for you to read together. This shows that you care about what they think, and they are more likely to engage with a book that they have chosen themselves!
4. Start by spending some time looking at and talking about the book's front cover. Don't forget to read the story's title and the names of the author and illustrator.
5. Sit close together and encourage your children to hold the book themselves or to help you do this. Younger children enjoy turning the pages. Invite older readers to read the words of one of the characters or a paragraph or two of the story.
6. Try different things to make stories come alive! Use different voices for different characters. Read softly in quiet, gentle parts of a story. Read quickly if a character is in a hurry, or is being chased. Read in a big, booming voice for loud noises in the story.
7. Help your children develop their prediction skills by asking, "What do you think is going to happen next?" at different points in the story.
8. Talk about the story together. Encourage your children to share their opinions of the ways in which the characters in the story behave and the choices they make.
9. If the book has illustrations, look closely at them together. Comment on things you are curious about or that you notice and like. Encourage your children to do the same.
10. But, most of all, simply enjoy sharing different books together. Relax and do whatever it takes to make these times fun for all of you.



Yabelana nabanye ngeencwadi namabali!

Ukufunda kuncedisa ukuvula amehlo abantwana bakho, iintliziyo neengqondo ngokunxulumene nabanye abantu kwanezinye iimeko ezahlukeneyo. Kangangokuba, xa besonwabela amabali owabelana ngawo nabo, baza kusoloko bethe gqolo ukuqhubeka nokufunda iincwadi bezonwabisa ubomi babo bonke.

Yabelanani ngeencwadi namabali kunye nabantwana bakho ukuncedisa ukwakha unxibelelwano oluqilima nolothando nabo eli xa ubancedisa ukuphuhlisa izakhono zelizitheresi ezibaluleke kunene kwimpumelelo yabo esikolweni nasebomini gabalala.

Nazi iingcebiso ezilishumi zokufundela abantwana bakho, nokuba bangakanani na ngobudala.

1. Bameme – kodwa ungabanyanzelisi – abantwana bakho ukuba bafunde nawe ubuncinane imizuzu eli-15 yonke imihla.
2. Fundelani kwindawo ethe cwaka nezolileyo. libhedi neekhawutshi zezona ndawo ninokufundela kuzo endlwini. Cimani unomathotholo, umabonakude nekhompyutha.
3. Bacele abantwana bakho bachonge incwadi abafuna ukuba niyifunde kunye. Oku kubonakalisa ukuba unenkathalo ngoko bakucingayo, kwaye kuza kuba lula nakubo ukuba bathathe inxaxheba ngokuzimisela kufundo lwencwadi ekhethwe ngabo buqu!
4. Chithani ixesha elingephi niibuka nikwancokola ngeqweqwe elingaphambili lencwadi. Ungalibali ukufunda isihloko sebali kunye namagama ombhali nomzobi.
5. Hlalani phantsi nibe busondelelana uze ukhuthaze abantwana bakho ibe ngabo ababamba incwadi okanye bakuncedise ukwenza oko. Abantwana abancinane bayakonwabela ukutyhila-tyhila amaphepha encwadi. Cela abafundi abadadlana ukuba bafunde amazwi omnye wabalinganiswa okanye umhlathi omnye okanye emibini ebalini.
6. Zama iindlela ngeendlela ezahlukeneyo ukwenzela ukuba amabali atsale umdla! Ungasebenzisa amazwi ahlukene ameke abalinganiswa abahlukeneyo. Funda ngokuzolileyo nangokupholileyo, iindawo ezithile ebalini ezifuna oko. Funda ngokukhawuleza xa umlinganiswa ebaleka, engxamise okanye eleqwa ebalini. Funda ngelizwi elikhulu elibhavamlayo xa kukho ingxolo enkulu ebalini.
7. Ncedisa abantwana bakho baphuhlise izakhono zabo zokuqikelela ngokubabuza wenjenje, "Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni ngoku?" kumaxesha ahlukene ebalini.
8. Thethani ngebali kunye. Bakhuthaze abantwana bakho babelane nawe ngezimvo zabo malunga nendlela abaziphethe ngayo abalinganiswa kwibali nezinto abakhetha ukuzenza aba balinganiswa.
9. Xa incwadi inemizobo, yijongisise, uyiqwalaselisise kunye nabo imizobo leyo. Phawula ngezinto ezisala umdla okanye oziqaphelelo noziithandileyo. Bakhuthaze abantwana benze kanjalo nabo, bazeke mzekweni.
10. Kodwa, okona kubaluleke ngaphezu kwako konke, yonwabelani ukwabelana ngeencwadi ezahlukeneyo kunye. Phola wenze konke onako ukuqinisekisa ukuba niyawonwabela nonke la maxesha niwaxhamla kunye nifunda.



Drive your imagination

Join us in taking the power of stories to the next level. Let's go!

Sijoyine ukuze siwenyusele kwinqanaba elilandelayo amandla amabali. Masiyel



Nal'ibali news

In August and September 2017, Nal'ibali ran a competition for the reading clubs that are part of its Story Powered Schools project in KwaZulu-Natal. This interschools competition aimed to help encourage a culture of reading for enjoyment in the province's rural primary schools that participated in the Story Powered Schools project in 2017.

"A well-established culture of reading can be a real game-changer for education in South Africa. We have been working with hundreds of schools to introduce them to the power and magic of reading in home languages. The competition is a way for the clubs at these schools to connect and inspire each other," explained Michael Cekiso, Programme Manager for the Story Powered Schools project.

The reading clubs were judged on their dedication to reading, writing and storytelling over the year. They gave performances to demonstrate the typical activities at their clubs. In addition, they had to put together displays of their creative work, such as examples of the children's writing and drawings, as well as their favourite isiZulu and English storybooks.

The first round of the competition saw the twelve clubs in each district competing against each other. "The level of competition was unexpectedly high. The children's confidence and the passion of their teachers showed a lot of what was happening back at the schools. This is remarkable and certainly not what we were expecting!" said one of the judges, Nontobeko Dlamini, a development practitioner and member of the Uthukela District Municipality.

There was another round of competition before the winners were announced: Elangeni Reading Club from Mthini Primary School in Ugu, and Siyafunda Reading Club from Nkanyezi Primary School in Uthukela! The performances and displays of these two clubs showed that for the children who attend and the adults who guide them, the club is more than an after-school activity – it has become a way of life.

"Our reading club is a fun, free space where we do all our activities in a way we are comfortable with. We won because we love what we do in our club!" said ten-year-old Alondwe Magudulela from Siyafunda Reading Club.

Commenting on Elangeni Reading Club's success, its leader, Mrs Bongiwe Xaba, said, "We did not expect to win! When we saw the displays of the other clubs, we were blown away. But our club has heart. I think the judges saw the children's enjoyment and pride in being part of the club."



Siyafunda Reading Club
Siyafunda Reading Club

Iindaba zakwaNal'ibali

KweyeThupha neyoMsintsi wama-2017, uNal'ibali uqhube ukhuphiswano lweeklabhu zokufunda eziyinxalenye yeprojekthi yeStory Powered Schools KwaZulu-Natal. Olu khuphiswano oluphakathi kwezikolo lujoliswe ekuncedeni ngenkuthazo yenkcubeko yokufundela ukuzonwabisa kwizikolo zephondo zamabanga aphantsi zasemaphandleni ebezinenxaxheba kwiprojekthi yeStory Powered Schools Power ngowama-2017.

"Inkcubeko yokufunda ezinze kakuhle inokuba ngumsunguli wenguquko wenene kwimfundo yaseMzantsi Afrika. Besisoloko sisebenza namakhulu ezikolo siwaxeela ngamandla nangommangaliso wokufunda ngeelwimi zasekhaya. Olu khuphiswano luyindlela yeeklabhu zezi zikolo yokunxulumana nokukhuthazana," uchaze watsho uMichael Cekiso, uMphathi weNkqubo yeprojekthi yeStory Powered Schools.

Iiklabhu zokufunda bezifumana amanqaku ngokokuzinikela kwazo ekufundeni, ekubhaleni nangokubalisa amabali enyakeni uphelele. Bezisenza imiboniso etyhila imisetyenzana ezikhulisa ukuyenza kwiiklabhu zazo. Ngaphezu koko, bezifanele ukubonisa nomsebenzi wazo olusungulo olutsha, njengemizekelo yokubhalwe ngabantwana nemizobo yabo ngokunjalo neencwadi zabo zamabali abazithanda kakhulu zesiZulu nezesiNgesi.

Umjikelo wokuqala wokhuphiswano wawuneeklabhu ezilishumi elinesibini ezazikhuphisana kwisithili ngasinye. "Umgangatho wokhuphiswano wawuphezulu ngendlela eyayingalindelekanga. Ukuzithemba kwabantwana nothando olushushu lootitshala babo kubonise okuninzi okwenzeka ezikolweni zabo. Kuncomeka kakhulu oku futhi ngokuqinisekileyo asiyo nto ebesiyilindele!" watsho omnye umgwebi, uNontobeko Dlamini, ingcali kwezophuhliso nolilungu lesiThili sikaMasipala eUthukela.

Kuye kwabakho omnye umjikelo wokhuphiswano phambi kokubhengezwa kwabagqwesileyo: iElangeni Reading Club yaseMthini Primary School eUgu, neSiyafunda Reading Club yaseNkanyezi Primary School eUthukela! Imisetyenzana nemiboniso yezi klabhu zimbini ibonise ukuba ebantwaneni abaya kuzo nasebantwini abakhulu ababakhokelayo, iiklabhu ingaphezu komsetyenzana wasemva kokuphuma kwesikolo – ijike yaba yindlela yokuphila.

"Iiklabhu yethu yokufunda isisithuba solonwabo nokukhululeka apho senza khona yonke imisetyenzana yethu ngendlela esikholwa yiyo. Siphumelele kuba sikuthanda esikwenza kwiiklabhu yethu!" utshilo uAlondwe Magudulela oneminyaka elishumi ubudala weSiyafunda Reading Club.

Xa ibithetha ngempumelelo ye-Elangeni Reading Club, inkokeli yayo, uNksk Bongiwe Xaba, uthe, "Besingalindelanga kuphumelela! Sithe sakubona imiboniso yezinye iiklabhu, sathabatheka ngokuzidela. Kodwa iiklabhu yethu inothando. Ndinga ukuba abagwebi babone ukuzonwabisa kwabantwana negugu lokuba yinxenye yeeklabhu."



Elangeni Reading Club
I-Elangeni Reading Club







Painting mental pictures

When we read something that does not have pictures with it, we use the words to create pictures in our minds. This is something that children learn to do as they become independent readers.

Try the activities below to encourage the children to create pictures in their minds as you read aloud from books without pictures, or tell a story. You can choose a different activity to try with each story.

Sometimes, after you have read (or given) a good description of something or someone in a story, pause and then:

-  ask the children to close their eyes and then try to "see" what you have just described. You could re-read the description or re-tell it to help them.
-  ask your children to draw pictures of what you have described.
-  draw on the board or a large sheet of paper what you imagine from the description. Encourage the children to explain how what they imagined is the same or different to what you have drawn.
-  ask the children to share what they see, hear, taste and smell as they listen to the description.







Ukuzoba imifanekiso-ngqondweni

Xa sifunda into engenamifanekiso, sisebenzisa amagama ukuyila imifanekiso ezingqondweni zethu. Oku yinto abazifundela ukuyenza abantwana xa bezama ukubangabafundi abazimeleyo.

Zama imisetyenzana engezantsi ukukhuthaza abantwana ukuzoba imifanekiso ezingqondweni zabo lo gama ufunda ngokuvakalayo ezincwadini ezingenamifanekiso, okanye xa ubalisa ibali. Unakho ukukhetha ukuzama umsetyenzana owahlukileyo oza kuhambelana neballi ngalinye.

Ngamanye amaxesha, emva kokufunda (okanye kokunika) inkcazelo ebalulekileyo ngento ethile nokuba kungomntu osebalini, nqumama uze emva koko:

-  ucele abantwana ukuba bacimele ze bazame "ukubona" oko ugqiba ukukuchaza. Unakho kananjalo nokuphinda ufunde inkcazelo leyo okanye ubaxelele ngokutsha ngeenjongo zokubanceda.
-  ucele abantwana bakho ukuba bazobe imifanekiso yento osandula ukubachazela yona.
-  uzobe ebhodini okanye ephepheni elikhulu oko ocingela ukuba kunikwa kwinkcazelo. Khuthaza abantwana ukuba bachaze indlela oko bakucingeleleyo okufana okanye okwahluka ngayo koko ukuzobileyo.
-  cela abantwana ukuba babelane nani nonke ngento abayibonayo, abayivayo, abayingcamlayo, nabayijojoyo lo gama bemamele inkcazelo.

Make reading for enjoyment part of your school! For more information and guidance on how to do this, go to www.storypoweredschools.org.



Yenza ukufundela ukuzonwabisa kube yinxalenye yesikolo sakho! Ukuba ufuna ulwazi oluthe vetshe kunye nesikhokelo sendlela yokwenza oku, ndwendwela ku-www.storypoweredschools.org.

Putting stories at the heart of your school ★ Beka amabali phambili esikolweni sakho

NAL'IBALI ON RADIO!

Tune into the following radio stations to enjoy listening to stories on Nal'ibali's radio show!

Ikwewezi FM on Monday, Wednesday and Friday at 9.45 a.m.

Lesedi FM on Monday, Tuesday and Thursday at 9.45 a.m.

Ligwalagwala FM on Monday to Wednesday at 9.10 a.m.

Munghana Lonene FM on Monday, Wednesday and Friday at 9.35 a.m.

Phalaphala FM on Monday to Wednesday at 11.15 a.m.

RSG on Monday to Wednesday at 9.10 a.m.

SAfm on Monday, Wednesday and Friday at 1.50 p.m.

Thobela FM on Tuesday and Thursday at 2.50 p.m., on Saturday at 9.20 a.m. and on Sunday at 7.50 a.m.

Ukhozi FM on Wednesday at 9.20 a.m. and on Saturday at 8.50 a.m.

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday at 9.30 a.m.

X-K FM on Monday, Wednesday and Friday at 9.00 a.m.



UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!

Ngena, umele ezi zikhululo zikanomathotholo zilandelayo ukuze wonwabele amabali kwinkqubo kaNal'ibali esasazwa kunomathotholo!

KuIkwewezi FM ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.45 kusasa.

KuLesedi FM ngoMvulo, ngoLwesibini nangoLwesine ngo-9.45 kusasa.

KuLigwalagwala FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.10 kusasa.

KuMunghana Lonene FM ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.35 kusasa.

KuPhalaphala FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-11.15 kusasa.

KuRSG ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.10 kusasa.

KuSAfm ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-1.50 emva kwemini.

KuThobela FM ngoLwesibini nangoLwesine ngo-2.50 emva kwemini, ngoMgqibelo ngo-9.20 kusasa nangeCawe ngo-7.50 kusasa.

KuUkhozi FM ngoLwesithathu ngo-9.20 kusasa nangoMgqibelo ngo-8.50 kusasa.

KuUmhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu ngo-9.30 kusasa.

KuX-K FM ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu ngo-9.00 kusasa.



Get story active!

Here are some ideas for using the two cut-out-and-keep picture books, *Three friends and a taxi* (pages 5, 6, 11 and 12) and *Foxy Joxy plays a trick* (pages 7, 8, 9 and 10), as well as the Story Corner story, *The dog walker* (page 14). Choose the ideas that best suit your children's ages and interests.



Three friends and a taxi

This is a tale told all across Africa, from Nigeria to the Comoros to South Africa. Sheep, Goat and Dog take a taxi to the sea and when they get there they have to pay the taxi driver for the journey. How much will each of them pay? They each have to face the consequence of the choice they make.

- ✦ As you read the story together, enjoy looking at the pictures and talking about the details in them.
- ✦ After you have finished reading the story, discuss the following questions with older children.
 - ☉ What do you think Sheep, Goat and Dog learnt from the taxi fares that they chose to pay?
 - ☉ Would you have paid exactly the right fare, more than what the fare was, or less than what the fare was? Why would you have made this choice?
 - ☉ What if the taxi driver was asking for a fare that you thought was too high? Would you still have made the same choice? Why or why not?
- ✦ Ask your children to draw a picture of themselves in a taxi with two friends, and then to label their drawing with the title of the story.



Foxy Joxy plays a trick

In this story, a sly fox sells watermelons, but everyone thinks he charges too much for them. Foxy Joxy comes up with an idea to solve this problem, but the other animals are not happy with his decision, so they teach him a lesson.

- ✦ As you read the book, discuss with your children the choices that the animals make. Encourage them to suggest reasons for their opinions. Here are some questions you could ask.
 - ☉ **Page 4:** Do you think that Foxy Joxy might have been charging too much for the watermelons? Do you think it is fair to charge too much for something?
 - ☉ **Page 8:** Do you think that Foxy Joxy's idea was a clever one? Do you think his idea was fair?
 - ☉ **Page 11:** Do you think the other animals got what they paid for?
 - ☉ **Pages 13 and 14:** Do you think the other animals' idea was a clever one? What else do you think they could have done to teach Foxy Joxy not to cheat?
- ✦ After you have read the book together, invite your children to write to Foxy Joxy. They should explain to him why he should behave better towards the other animals and also give him some ideas for doing so.
- ✦ Suggest that your children draw pictures of the animals playing football with the watermelon when Foxy Joxy was stuffed inside it. Encourage them to add the text from that part of the story to their pictures.



The dog walker

Aunty Vanessa is paid by other people to walk their dogs. One day she and her nephew take five dogs to the park ... and the trouble starts on their way there!

- ✦ After you have read the story with your children, talk about which dog from the story you each like most, and why. Also discuss how you think the story would have been different if they hadn't found Princess's collar.
- ✦ Give your children cardboard or paper, glue, tinfoil and crayons and suggest that they make Princess's collar and/or a collar for their favourite dog from the story.



Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye iingcebiso ezingokusebenzisa iincwadana ezimbini onokuzisika-ze-uzigcine, u**Abahlobo abathathu netekisi** (okwiphepha le-5, ele-6, ele-11 nele-12) kunye no**UMpungutye Qhinga wenza amaqhinga** (okwiphepha le-7, 8, 9 nele-10), kwakunye nebali leNdawo yamaBali, u**Umkhaphi wezinja** (okwiphepha le-15). Khettha ezo mbono zihambelana nobudala kunye nemidla yabantwana bakho.

Abahlobo abathathu netekisi

Eli bali libaliswa kwiAfrika iphela, ukususela eNigeria ukuya eComoros naseMzantsi Afrika. UGushana, uBhokhwana noNjana bakhwela itekisi besiya elwandle kuze kufuneka ukuba bahlawule umqhubi wetekisi imali yohambo bakufika apho. Emnye kubo uza kuhlawula malini? Bafanele ukujongana nesiphumo sesigqibo abasenzayo.

- ✦ Xa niqhuba ngokufunda ibali kunye, konwabeleni ukubuka imifanekiso nokuthetha ngeenkukacha zayo.
- ✦ Emva kokugqiba ukufunda ibali, xoxani ngemibuzo elandelayo nabantwana abadadlana.
 - ☉ Nicinga ukuba uGushana, uBhokhwana noNjana bafunde ntoni malunga neentlawulo zeetekisi eyenze bakhethe ukuhlawula?
 - ☉ Beniya kuhlawula imali yetekisi epheleleyo, engaphezu kwentlawulo eqingqiweyo, okanye engaphantsi kwentlawulo efanelekileyo? Beniya kusenza ngasizathu sini esi sigqibo?
 - ☉ Bekuya kwenzeka ntoni xa umqhubi wetekisi ebefuna intlawulo ebenicinga ukuba iphezulu kakhulu? Beniya kwenza kwasona eso sigqibo? Kutheni okanye kutheni kungenjalo?
- ✦ Cela abantwana bakho ukuba ingulowo azobe umfanekiso wakhe etekisini enabahlobo ababini, baze bafake iileyibhile kuloo mizobo yabo ngesihloko sebali.

UMpungutye Qhinga wenza amaqhinga

Kweli bali, impungutye enamaqhinga ithengisa iivatala, kodwa wonke umntu ucinga ukuba amaxabiso ayo aphezulu kakhulu. UMpungutye Qhinga uza necebo lokusombulula le ngxaki, kodwa ezinye izilwanyana azisivuyeli isigqibo sakhe, ngoko ke zimfundisa isifundo.

- ✦ Xa ufunda incwadi, xoxa nabantwana bakho ngezigqibo ezenziwa zizilwanyana. Bakhuthaze ukuba banike izizathu ngezimvo zabo. Nantsi eminye imibuzo onokuyibuza.
 - ☉ **Iphepha le-4:** Nicinga ukuba amaxabiso kaMpungutye Qhinga eevatala mhlawumbi ayephezulu kakhulu na? Nicinga ukuba sisenzo esilungileyo ukuwanyusa kakhulu amaxabiso ento ethile?
 - ☉ **Iphepha le-8:** Nicinga ukuba uluvo lukaMpungutye Qhinga lwalukrelekrele? Nicinga ukuba uluvo lwakhe lwalulungile?
 - ☉ **Iphepha le-11:** Nicinga ukuba ezinye izilwanyana zakufumana ezazikuhlawulele?
 - ☉ **Iphepha le-13 nele-15:** Nicinga ukuba uluvo lwezinye izilwanyana lwalukrelekrele? Kokuphi okunye enicinga ukuba ngezikwenzile ukuze zifundise uMpungutye Qhinga ukuyeka amaqhinga?
- ✦ Emva kokugqiba ukufunda incwadi kunye, cela abantwana bakho ukuba babhalele uMpungutye Qhinga. Mabamchazele ukuba kutheni efanele ukuziphatha phucukileyo ezinye izilwanyana futhi bamnike nezimvo ezithile ngokwenza njalo.
- ✦ Cela abantwana bakho ukuba bazobe imifanekiso yezilwanyana ezidlala ibhola ekhatywayo ngevatala eyayihlohlwe uMpungutye Qhinga ngaphakathi. Bakhuthaze ukufakela okubhaliweyo okuvela kule ndawo yebali kwimifanekiso yabo.



Umkhaphi wezinja

UMakazi uVanessa uhlawulwa ngabantu abathile ngokukhapha izinja zabo. Ngenye imini yena nomtshana wakhe bakhapha izinja ezintlanu ukuya epakini ... kanti kuza kuqala inkathazo endleleni yabo eya apho!

- ✦ Emva kokuba ulifundile ibali nabantwana bakho, thethani ngokuba yeyiphiinja esebalini ingulowo nalowo wenu ayithanda kakhulu, nokuba kutheni. Ngokunjalo xoxani ngendlela enicinga ukuba ibali beliya kwahluka ngayo ukuba bebengayifumenanga ikhola kaPrincess.
- ✦ Nika abantwana bakho ikhadi bhodi okanye iphepha, iglu, inkcenkce efana nephepha neekhrayoni uze ubacele ukuba benze ikhola kaPrincess kunye/okanye ikhola yeyona nja bayithandayo ebalini.

Create TWO cut-out-and-keep books

- Take out pages 5 to 12 of this supplement.
- The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
- Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
 - Fold the sheet in half along the black dotted line.
 - Fold it in half again along the green dotted line.
 - Cut along the red dotted lines.



Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

- Khupha iphepha le-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
- Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-5, ele-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwele-7, ele-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
- Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza iincwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
 - Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
 - Phinda ulusongwe phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
 - Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



Drive your imagination



Kh-i-kh-i-kh-i VU-U-MiNaBo besimka.
Yayluthambo olude, nolunamagxigxigxi. Indlela
yayinyuka iinduli isehlisa neentlambo,

Ke-nye-nye-nye VROOM! They drove away.
It was a long, bumpy journey. The road went up hills
and down valleys,




We publish what we like

This is an adapted version of *Three friends and a taxi* published by Jacana Media and available in bookstores and online from www.jacana.co.za. This story is available in the eleven official South African languages. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to www.jacana.co.za.

Eli libali eliguqulelweyo elithi *Abahlobo abathathu netekisi* elishicilelwe yiJacana Media kwaye lifumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi-intanethi ku-www.jacana.co.za. Eli bali lifumaneka ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. IJacana ishicilela iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile zeJacana yiya ku-www.jacana.co.za.

© Jacana Media (World rights) Tel: 011 628 3200

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendeliselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Drive your
imagination

Three friends and a taxi

Abahlobo abathathu netekisi





and last came Dog ... What a
big SQUAASH!

ekugqibeleni kwanjena uNjana ...
Tyhini lei UKUXINANA okungakal!

One hot day three friends were standing beside
the dusty road ...

Ngaminazana ithile eyayishushu, abahlobo
abathathu babemi ecaleni kwendlela ezele uthuli ...



over rivers,
through villages,
inqumla imlambo,
idlula ilali,

around corners,
ijika ezikoleni,




Dog paid too much. That is why, to this day, whenever
Dog sees a taxi coming, he runs into the road, barking
loudly. He is asking for his change.

UNjana yena wahlawula imali eninzi kakhulu. Kungoko
unanamhla oku, naninina uNjana ebona itekisi isiza,
uvele aggotse ukubheka endleleni, ekhala hawu-hawu.
Usoloko ezama ukubuza itshintshi.



He sold his watermelons for a cheap price.
Many animals bought from Foxy Joxy.
Wazithengisa ngexabiso eliphantsi ivatala
zakhe. Izilwanyana ezininzi zazithenga
kuMpungutye Qhinga.



Then he filled it with water! He took
a needle and thread and sewed the
watermelon back together.
Emva koko walizalisa ngamanzi igokobhe!
Wathatha inali nomsondo wawathungela
kunye amaqhekeza evatala.

Foxy Joxy plays a trick UMpungutye Qhinga wenza amaqhinga

Mdu Ntuli
Nahida Esmail
Samantha Rice



Lots more free books at bookdash.org

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment
campaign to spark and embed a culture of reading
across South Africa. For more information, visit
www.nalibali.org or www.nalibali.mobi




UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela
ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela
nokwendeliselisa inkcubeko nesithethe
sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze
ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela
ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi





“This watermelon has only water in it,”
complained Funky Monkey.
“Le vatala inamanzi kuphela phakathi,”
wakhala uNkawu Jingi.



Foxy Joxy was a sly fox. He
sold big, fresh watermelons.

UMpungutye Qhinga
wayeyimpungutye
enamaqhinga. Wayethengisa
iivatala ezinkulu, ezintsha.



UMpungutye Qhinga waba nesiyezi!
Wafunda isifundo futhi zange aphinde enze
amaqhinga kwakhona.





Foxy Joxy was dizzy!
He learnt his lesson and never cheated again.




“Well, you got what you paid for,” said
Foxy Joxy.

“Kaloku, ufunene into oyihlawuleyo,”
wats’ho uMpungutye Qhinga.



Watermelons for sale!
Kuthengiswa iivatala
sondela!




He slit open a big watermelon,
scooped out the fruit, and
gobbled it up.

Wayisika wayiqhekeza phakathi
ivatala enkulu, waguphula isiqhamo
esingaphakathi, wasibimbiliza.



Umpungutye Qhinga waba noluvo olukrelekrele.
Foxy Joxy had a clever idea.



“Your price is too high,” said Rabbit Jabbit.
“You are asking too much,” said Gia Giraffe.
“Ixabiso lakho liphezulu kakhulu,” watsho uMvundla Vundla.
“Ubiza kakhulu gqitha,” watsho uNdlula Ndlulamthi.




“We need to teach Foxy Joxy a lesson,” said Ellie Elephant.
The animals gathered around and came up with a plan.
“I have an idea,” said Oliver Owl.

They took an empty watermelon, stuffed Foxy Joxy into it and played a game of football with it.



Zathatha ivatala engenanto, zahlohla uMpungutye Qhinga kuyo zaze zadlala ibhola ekhatywayo ngayo.

and on towards the sea.
nantso iya kugaleleka ehandle.



Then Goat SQUASHED in,
Walandela uBhokhwana waTYHUDISA
naye wangena,



Goat paid too little. That is why, to this day, whenever
Goat sees a taxi coming, he runs quickly away from the
road. He does not want to be asked for the money.

UBhokhwana yena wahlawula imali encinci
kakhulu. Kungoko unanamhla oku, naninina
uBhokhwana ebona itekisi isiza, uthi ngqe-e-e, shwaka
ngokukhawuleza kuloo ndlela. Akafuni kubizwa mali.



Sheep,
YayinguGushana,



Goat,
uBhokhwana,



After some time, a taxi stopped for them –
PEEP PEEP. First Sheep climbed in. It
was a bit of a SQUEEZE.
Emva kwexesha belindlelile gqi itekisi yema
ngxi ecaleni kwabo – *PI-I-P PI-I-P*.
Wakhwela kuqala uGushana. Le tekisi
yayithande UKUXINANA.



and Dog.
noNjana.



They were waiting for a taxi to take them to
the sea.

Babelindele itekisi yokubasa elwandle.



At last the journey was over. The taxi driver asked
for his fare ...
Elkugqibeleni yaphela loo hambo. Umqhubi
wetekisi wacela imali ...

Sheep paid the right fare, exactly. That is why, to this
day, whenever Sheep sees a taxi coming, she is in no
hurry to move out of the road. Her business with
the taxi is finished.

Wahlawula uGushana, imali yakhe yalingana ngqo.
Kungoko unanamhla oku, naninina uGushana ebona
itekisi isiza, akangxami, usuka anya – ntsule anya – ntsule
kuloo ndlela. Yena, ishishini lakhe netekisi liphelile.



Celebrate World Book Day!

World Book Day is a worldwide celebration of books and reading. It is observed in over 100 countries on different dates in the year and in different ways. In South Africa, we celebrate it on 23 April each year.

Here are some ideas for how to celebrate World Book Day.

1. Talk to primary- or high school-aged children about how having books in your life makes a difference. Then ask them to draw a picture, create a poster or a song or dance, or write a poem or rap to share their ideas with others. Remember to find an opportunity to display the children's pictures or posters, or to let them perform their songs, dances, poems or raps!
2. Nursery rhymes and songs are a great way to get very young children involved in World Book Day. Find books that have traditional rhymes and songs for babies and children in your home language and share them with your children – and don't forget to also share the ones you were taught as a child!
3. Provide some paper, pencil crayons and pens, and get older children to create their own picture books. Then set up a time for them to read their books to a group of younger children.
4. Encourage your children to copy out a sentence or paragraph from their favourite book and then draw a picture to go with it. Remind them to write the name of the book and the author too. Display your children's creations on the fridge, or on a wall in your home, classroom, library or at your reading club.
5. At the top of a large sheet of paper, write: Books I think you would enjoy. Under it create columns like this:

Books I think you would enjoy

| Book title | Author | My name | Age |
|------------|--------|---------|-----|
| | | | |

Display the sheet of paper in your home, reading club, classroom, school or library, and encourage everyone to write up the names of books they have enjoyed reading. If you leave it up for long enough, you might have to add another sheet!

Reading club tip

Make your World Book Day celebrations a success by:

- ★ planning well in advance, even if you have to celebrate after 23 April.
- ★ meeting with the volunteers at your club to decide what you will do and who will be responsible for what.
- ★ deciding beforehand which books and stories you'll focus on.
- ★ telling the children what they can expect on the day.
- ★ inviting the children's parents and caregivers to join in the celebrations at your club.



A book is a dream that you hold in your hands.
Neil Gaiman

Bhiyozela uSuku lweeNcwadi lweHlabathi!

USuku lweeNcwadi lweHlabathi lusuku ekubhiyozelwa ngalo iincwadi kunye nokufunda kwihlabathi jikelele. Olu bhiyozelo-zincwadi lwenziwa kumazwe angaphezu kwe-100 ngeentsuku ezahlukeyo kwaneendlela ezahlukeyo apha enyakeni. EMzantsi Afrika, sibhiyozela olu suku ngomhla wama-23 kuTshazimpuzi minyaka le.

Nazi ezinye iindlela zokubhiyozela uSuku lweeNcwadi lweHlabathi.

1. Thetha nabantwana abakwixabiso leminyaka yokufunda kwisikolo samabanga aphantsi okanye aphezulu malunga neendlela iincwadi ezenza umahluko ngazo ebomini bakho. Emva koko bacele ukuba bazobe umfanekiso, benze ipowusta okanye baqambe ingoma okanye umxhentso, okanye babhale umbongo okanye ingoma eyirephu ukuze babelane nabanye ngeengcinga zabo kuzo. Khumbula ukufuna ithuba lokubonisa ngemifanekiso okanye ngeepowusta zabantwana, okanye ubavumele ukuba bacule iingoma zabo, benze imixhentso yabo, bacengceleze imibongo yabo okanye barephe!
2. Izicengcelezo kunye neengonyana zizinto ezilungileyo zokubandakanya abantwana abancinane kakhulu kuSuku lweeNcwadi lweHlabathi. Funa iincwadi ezinezicengcelezo zentsusa kunye nezimbambazelo zeentsana nabantwana abancinane, ezibhalwe ngolwimi lwakho lweenkobe, ukuze wabelane ngazo nabantwana bakho – kwaye ungalingali ke ukwabelana nabo nangezo owawuzifundiswe usengumntwana nawe!
3. Banike amaphepha, iikhrayoni zepensile kunye neepeni, ukuze ucele abantwana abadadlana ukuba benze ezabo iincwadi zemifanekiso. Emva koko bekela bucala ixesha lokuba bafunde iqela labantwana abancinane iincwadi zabo.
4. Khuthaza abantwana bakho ukuba bakope isivakalisi okanye umhlathi ovela kweyona ncwadi bayithandayo ze bazobe umfanekiso ohambelana neso sivakalisi okanye loo mhlathi. Bakhumbuze ukuba babhale isihloko sencwadi kunye nombhali wayo. Xhoma loo msebenzi wobugcisa wabantwana bakho kwisikhenkcezisi, okanye edongeni kwikhaya lakho, eklasini, kwithala leencwadi okanye kwiklabhu yokufunda.
5. Phezulu ephepheni elikhulu, bhala: iincwadi endicinga ukuba ungazonwabela. Ngaphantsi kwesi sihloko yenza imiqolo efana nale:

Iincwadi endicinga ukuba ungazonwabela

| Isihloko sencwadi | Umbhali | Igama lam | Ubudala |
|-------------------|---------|-----------|---------|
| | | | |


Beka iphepha elikhulu elubala kwikhaya lakho, kwiklabhu yokufunda, eklasini, esikolweni okanye kwithala leencwadi, uze ukhuthaze wonke umntu ukuba abhale amagama eencwadi abakonwabeleyo ukuzifunda. Ukuba uliyeka apho ithuba elide ngokwaneleyo, kungenzeka kufuneke ukuba ufakele elinye iphepha elikhulu!

Incwadi liphupha oliphatha ngezandla zakho.
Neil Gaiman

Ingcebiso eklabhini yokufunda


Yenza eyakho imibhiyozo yoSuku lweeNcwadi lweHlabathi ibe yimpumelelo ngokwenza oku kulandelayo:

- ★ cwangcisa kwangethuba, nokuba oko kuthetha ukuba uza kubhiyoza emva komhla wama-23 kuTshazimpuzi.
- ★ dibana namavolontiya kwiklabhu yakho nigqibe ukuba niza kwenza ntoni na kwaye ngubani onoxanduva lokwenza ntoni.
- ★ gqibani kwangethuba ukuba zeziphi iincwadi namabali eniza kugxininisa kuzo.
- ★ xeleta abantwana ukuba bangalindela ntoni ngolo suku.
- ★ mema abazali babantwana kunye neempelesi zabo ukuze bazibandakanye kwimibhiyozo yeklabhu yakho.



The dog walker

By Katherine Graham ★ Illustrations by Jiggs Snaddon-Wood



My aunty is a dog walker! I know that might sound strange, but that's what she does for a living! She walks other people's dogs!

Sometimes, when I finish school early, Mamma lets me help Aunty Vanessa. There are five dogs that she walks every afternoon. Princess, the French poodle, is white. She is very big and walks with her nose stuck up in the air, and she has a diamond collar. Her owner, Ziyanda, is the poshest lady I know. Pepper is a small, black, grumpy dog. He bites my heels sometimes if I don't watch out. Lucky is a rescue dog and is full of tricks. His owner got him from an animal shelter. Nobody knows for sure what kind of dog he is, but he is friendly and he's the one I like the most. Dash and Lady are brother and sister. They are quite big dogs with light brown coats. They are a real handful because they love chasing balls – and squirrels.

Sometimes when Aunty Vanessa and I walk down the street with all five dogs, people stop and stare at us. "You have quite a few dogs!" some of them say.

I just smile and say, "Don't worry – they're not ours!"



One day I was helping Aunty Vanessa. I was holding the leads for Princess and Lucky. Aunty Vanessa was having a hard time keeping Dash and Lady under control while avoiding Pepper's nips. On our way to the park, a cat streaked past and Dash and Lady went bounding after it, barking their heads off. Pepper, Princess and Lucky followed them and all the dogs' leads got tangled and I fell flat on the pavement. Ouch!

"Are you okay?" asked Aunty Vanessa.

I got up. "My knee hurts, but I'm fine," I said, dusting myself off. We unravelled the leads and that's when Aunty Vanessa noticed something.

"Princess's collar is missing!" she said. My aunty and I searched high and low for the diamond collar, but we couldn't find it anywhere. "Ooooh, what will Princess's owner say?" moaned my aunty. "Ziyanda likes her dog to look smart at all times!"

The dogs were growing impatient, tugging at their leads. We gave up the search for the missing collar and walked to the park. Aunty Vanessa threw a ball for Dash and Lady. They sprinted across the park, fighting each other to see who would get to it first. Pepper made a huge poo which my aunty made me clean up with a plastic

bag and stick. Yuck! Lucky made a friend and they spent the rest of the afternoon running after each other and sniffing each other. But Princess refused to join in the fun. Her ears drooped and she lay down under a tree. I knew she was sad because she'd lost her special collar.

At five o'clock, it was time to go. We dropped the dogs off at their homes one by one – first Pepper, who tried to bite me as we opened his gate, then naughty Dash and Lady. Aunty Vanessa wasn't sad to drop them off. We only had Lucky and Princess left. Aunty Vanessa was dreading telling Ziyanda that we had lost the expensive collar.

Just then Lucky started barking and refused to walk any further. He jumped up and down at a lamp post. Aunty Vanessa was cross with him. "Stop that, Lucky!" she shouted.

I looked up. Something was fastened to the lamp post and it was glittering. "Princess's collar!" I shouted pointing at it. "Somebody must have found it and hung it up there." Hurriedly, I took it down and put it back around Princess's neck.

By the time we opened Princess's gate, the poodle was looking much smarter and happier than before. Aunty Vanessa told Ziyanda the story of how we had found the missing collar. "Oh, that thing!" laughed Ziyanda. "Those aren't real diamonds! They're just shiny plastic stones!" she said.



Aunty Vanessa laughed too. She was relieved. We waved goodbye and went on our way to take Lucky home.

"Good dog," I said to Lucky as I patted his head. His tongue hung out of his mouth, which made it look as if he was smiling. His tail wagged all the way home. And he never did understand why my aunty gave him two dog biscuits when we got to the front door of his home that day!



Drive your
imagination

Umkhaphi wezinja

Libali likaKatherine Graham ★ Imifanekiso izotywe nguJiggs Snaddon-Wood

Indawo
yamabali

UMakazi wam ngumkhaphi wezinja! Ndiyazi ukuba oko kungavakala njengento engaqhelekanga, kodwa ngumsebenzi wakhe aziphilisa ngawo lowo! Ukhapha izinja zabanye abantu!

Maxa wambi, xa ndibuye kwangoko esikolweni, uMama uyandivumela ukuba ndincedise uMakazi uVanessa. Zintlanu izinja azikhapha qho emva kwemini. UPrincess, luhlobo lwenja yesiFrentshi, umhlophe. Mkhulu kakhulu kwaye uhamba eyithe nkqo emoyeni impumlo yakhe, kwaye unekhola yedayimani. Umnini wakhe, uZiyanda, lelona nenekazi liphucukileyo ndilaziyo. UPepper yinjana encinane, emnyama, enobunjalane. Ngamanye amaxesha uluma izithende zam ukuba andimlumkelanga. ULucky yinja yokuhlangula kwaye unamaqhinga kakhulu. Umnini wakhe wamfumana emzini olikhusi lezilwanyana. Akukho mntu waziyo ngokuqinisekileyo ukuba uloluphi uhlobo lwenja, kodwa unobubele kwaye ngoyena ndimthanda kakhulu. UDash noLady yinja nodadewayo. Bazizinja ezinkulu ezinoboya obuntsundu obukhanyayo. Baphithizela ngenene kuba bayakuthanda ukuleqa iibhola – noonomatse.

Ngamanye amaxesha xa ndihamba noMakazi uVanessa sisihla ngesitrato nazo zontlanu izinja, abantu bayema basijonge. “Ninezinja eziliqela!” bakhe batsho abanye.

Ndibaphendula ngoncumo ndithi, “Ningakhathazeki – azizozethu!”



Ngenye imini ndandincedisa uMakazi uVanessa. Ndandibambe iintambo zokuxhaya zikaPrincess noLucky. UMakazi uVanessa wayetsaliswa nzima nguDash noLady bengalawuleki ngelixa enqanda uPepper ekulumeni. Endleleni yethu eya epakini, kwathi tshe ikati ikhawulezile bayisukela uDash noLady, bekhonkothela ukuqhawuka iintloko. UPepper, noPrincess noLucky nabo balandela zaphithana iintambo zokuzixhaya ngelo xesha mna ndawa bhaxa epevementini. Shu-u!

“Awenzakalanga?” wabuza uMakazi uVanessa.

Ndaphakama. “Idolo lam libuhlungu, kodwa andenzakalanga,” ndatsho, ndizivuthulula. Sazicombulula iintambo zokuxhaya kanti ngelo xesha uMakazi uVanessa uza kuba nento ayiqaphelayo.

“Ikhola kaPrincess ilahlekile!” watsho. Sobabini noMakazi wam sakhangela ikhola yedayimani phantsi naphezulu kodwa asayifumana naphi. “Yhu! Uza kuthini umnini kaPrincess?” wambombozela uMakazi wam. “UZiyanda uthanda ukubonainja yakhe ibukeka intle maxa onke!”

Izinja zasuka zapheliswa ngumonde, zatsala iintambo zazo. Sayikhangela sancama ikhola elahlekileyo sahamba saya epakini.

UMakazi uVanessa waphosela uDash noLady ibhola. Bagqotsa bebaleka kuyo yonke ipaka, besilwa bodwa ukuze babone ukuba ngubani oza kuyifumana kuqala. UPepper wathi thaca ituwa eninzi waze uMakazi wam wathi mandiyisuse ngoluthi ndiyifake eplastikhini. Kwekhu! ULucky wafumana umhlobo baze bachitha imva kwemini yonke beleqana bejojana. Kodwa uPrincess wayengafuni kudlala nabo. Iindlebe zakhe zazithe woxo engqengqe phantsi komthi. Ndandisazi ukuba ulusizi kuba wayelahlekelwe yikhola yakhe yohlobo olulodwa.

Ngentsimbi yesihlanu, lalifikile ixesha lokugoduka. Sazigodusa izinja nganye nganye – saqala ngoPepper, owazama ukundiluma xa sivula isango lakhe, seza ngoDash noLady. UMakazi uVanessa yayingamkhathazi into yokubagodusa. Sashiyeka noLucky noPrincess. UMakazi uVanessa wayenexhala lokuxelela uZiyanda ukuba siyilahlele ikhola yexabiso eliphezulu.

Kanye ngaloo mzuzu uLucky waqalisa ukukhonkotha kwaye engavumi ukuqhubeka ahambe. Waxhuma-xhuma epalini yombane. UMakazi uVanessa wamqumbela. “Yeka loo nto uyenzayo, Lucky!” wamngxolisa.

Ndajonga phezulu. Kwakukho into eyayibotshelelwe epalini yombane kwaye yayimenyezela. “Ikhola kaPrincess!” Ndakhwaza ndiyalatha. “Inokuba ukhona umntu oyicholeyo wayixhoma phezulu phaya.” Ngokukhawuleza, ndayothula ndayibuyisela entanyeni kaPrincess.

Ngethuba sivula isango lakuloPrincess,inja yayikhangeleka intle futhi kwaye yonwabe ngaphezu kunakuqala. UMakazi uVanessa waxelela uZiyanda lonke ibali ngendlela esiyifumene ngayo ikhola ebilahlekile. “Owu, laa nto!” wahleka uZiyanda. “Asizodayimani zenene ezo! Ngamatye eplastikhi akhazimlayo nje!” watsho.



Wahleka noMakazi uVanessa. Laphela ixhala. Sabulisa ngezandla sahamba sigodusa uLucky.

“Uyinja elungileyo,” ndatsho kuLucky ndiphulula intloko yakhe. Wayejingisa ulwimi lwakhe phandle, nto leyo eyenza ngathi uyancuma. Wayetshikiza umsila kuyo yonke indlela egodukayo. Zange aqonde ukuba kutheni umakazi emnika imiqhathane emibini yezinja ukufika kwethu emnyango ongaphambili wekhaya lakhe ngaloo mini!



Nal'ibali fun

Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



1.


Use your imagination to complete the story. Tell a friend or parent your story.

Sebenzisa ingqikelelo yakho ukugqibezela eli bali. Balisela umblobo okanye umzali ibali lakho.

Once upon a time, there was a farmer called Vusi who was very, very strong. Nobody knew how he did it, but he could easily carry two cows at the same time.

One morning, when Vusi woke up, he ran around in a panic. "My necklace! Who has stolen my magic necklace?" he shouted. "Without it I will have lost all my strength, and will be just like everyone else!"

He rushed to the window, just in time to see a little boy running off very, very fast ...



Kudala-dala, kwaye kukho umfama owayebizwa ngokuba nguVusi nowayenamandla kakhulu. Akukho mntu wayesazi ukuba wenza njani, kodwa kwakulula kuye ukuba athwale iinkomo ezimbini ngaxesha nye.

Ngenye intsasa, wathi xa avukayo uVusi, wabaleka, esehla enyuka ngenxa yenkxalabo yakhe. "Intsimbi yam yomqala! Ibiwe ngubani intsimbi yam yomqala yobugqi?" wakhwaza esitsho. "Ngaphandle kwayo ndakuba ndilahlekelwe ngawo onke amandla am, ndize ndifane naye wonke nje umntu!"

Wakhawuleza ukuya ngasefesitileni, wafika xa kanye inkwenkwana iqalisa ukugqotsa, ibaleka ...

2.

Which little picture of Hope and Bella reading, is exactly the same as the big picture?

Ngowuphi umfanekiso omncinci kaHope noBella befunda ofana ncam nomfanekiso omkhulu?

a.



b.



c.



3.

How quickly can you think of ten words to do with books? Try this on your own or with a friend. Time yourselves as you write the words down here!

Ungakhawulezisa kangakanani ukucinga ngamagama alishumi anxulumene neencwadi? Zizamele oku ngokwakho okanye nomhlobo. Zibekele ixesha ujonge indlela okhawulezisa ngayo xa ubhala amagama apha!

1. _____
2. _____
3. _____
4. _____
5. _____
6. _____
7. _____
8. _____
9. _____
10. _____

Answer/Impendulo: (2) c

Do you have questions about reading and writing with your children or about reading clubs? Send your questions to us on the Nal'ibali website. Go to www.nalibali.org/ask-the-expert, then scroll down, type in your question and press "Submit". We'll ask someone from our team of literacy experts to send you a response!



Visit us on Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA

Sindwendwele kwikhasi lethu likaFacebook:
www.facebook.com/nalibaliSA

Ingaba unemibuzo malunga nokufunda kunye nokubhala okanye malunga neeklabhu zokufunda? Sithumelele loo mibuzo yakho kwiwebhusayithi yakwaNal'ibali. Yiya ku-www.nalibali.org/ask-the-expert, uze ke wehle ngekhasi lethu elo, uze ke ubhale loo mibuzo yakho kwisithuba esiza kuvela, wakugqiba ucofe kwigama elithi, "Submit". Siza kucela omnye kwiqela lethu leengcaphephe zelitheresi akuthumelele impendulo!

Produced for Nal'ibali by the Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Tiso Blackstar Education. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

SW
Sunday
World



Drive your
imagination